ISIYILO

# ISEBE LEMICIMBI YEZENDALO NOKHENKETHO

## ULAWULO LWESEBE LEZOLWANDLE NONXWEME

# INKQUBO YOKUNIKEZWA NOKULAWULWA KWAMALUNGELO EXESHA ELIDE OKURHWEBA NGOKULOBA IHORSE MACKEREL:2005

**LE-NKQUBO-SIYILO MAYIFUNDWE KUNYE NENKQUBO-SIYILO JIKELELE NGOKUNIKEZWA NOKULAWULWA KWAMALUNGELO EXESHA ELIDE OKURHWEBA NGOKULOBA:2005**

**(iyafumaneka ku- www.mcm-deat.gov.za)**

ULUHLU LWEZIQULATHO


**1. Intshayelelo ____ 3**

**2. Ibhayoloji neetshukumo zobutyebi bendalo ____ 4**

**3. Inkcazelo emfutshane ngeli candelo ____ 4**

**4. Inkqubo yamalungelo aphakathi ____ 5**

**5. Injongo zokugqithiswa kwamacandelo ____ 5**

**6. Ubude bexesha lamalungelo nemida yeenzame ____ 6**

**7. Abangeneleli abatsha ____ 6**

**8. Inkqubo yokulinganisa yokukhetha ____ 7**

8.1 Inkqubo yokulinganisa yokuvavanya ____ 7

8.2 Inkqubo ethelekiswe ngokulinganayo ____ 8

*(a) Inguqu ____ 8*
*(b) Utyalo- zimali kushishino lokuloba ____ 9*
*(c) Imisebenzi ____ 9*
*(d) Ulongezo lwamaxabiso ____ 10*
*(e) Indlela oqhubangayo ____ 10*
*(f) Ukuhlawulwa kwerhafu ____ 10*
*(g) Abalobi kufutshane ____ 10*
*(h) Ukuthobela ____ 11*

8.3 Ubungakanani benkqubo; ____ 11

**9. Inqanawa ezifanelekileyo: ____ 11**

**10. Ukubandakanyeka kwama Candelo amaninzi ____ 12**

**11. Indawo zukulobela : ____ 12**

**12. Imilinganiselo yokulawula ____ 12**

12.1 Indlela yukuvelela nokulawulwa kwamashishini ____ 12

12.2 Ukumanywa kwabathathi nxaxheba ____ 13

12.3 Amanyathelo aqatha omda wokuloba ____ 13

**13. Ukulinganiswa kwendlela yokusebenza; ____ 13**

**14. Inkqubo yabakhi -mkhanyo ____ 14**

**15. Imiqathango yemvume ____ 14**

## 1. Intshayelelo

Esi sisiyilo-nkqubo malunga nokunikezwa kwamalungelo oshishino lorhwebo ngokuloba iHorse mackerel kwaye ikhutshwe liSebe lezemiCimbi yezeNdalo noKhenketho:Ukulawulwa kweSebe lezoLwandle noNxweme (iSebe) esenzelwa izimvo zoluntu. Amaqela anomdla nachaphazelayo acetyiswa ukuba afunde le nkqubo ndawonye ne Siyilo-Nkqubo Jikelele, amalungu nokuLawulwa kwaMalungelo exesha elide orhwebo ngokuloba: 2005(iNkqubo Jikelele yamaShishini okuloba). Amaqela anomdla nachaphazelekayo mawangenise izimvo zawo ezibhaliweyo ungagqithanga umhla we4 ku April 2005. Izimvo ezingeniswe emva kwalo mhla azizukuqwalaselwa.Izimvo ziyakungeniswa ngolu hlobo lulandelayo:

<table>
<tr>
<td rowspan="2"><u>Nge Fax:</u><br>Fax Number: (021) 670-1782<br>Qaphela: The Deputy Director-General<br>Fishery (please specify which fishery)<br>Policy Comments</td>
<td rowspan="2"><u>Nge Mail:</u><br>Qaphela: Mr Horst Kleinschmidt<br>The Deputy Director-General<br>The Department of Environmental Affairs and Tourism<br>P.O Box 44963<br>Claremont<br>7735<br>Fishery (Please specify which fishery)<br>Policy Comments</td>
<td><u>Nge E-mail:</u><br>RVU@deloitte.co.za<br>Qaphela: The Deputy Director-General<br>Fishery (please specify which fishery)<br>Policy Comments</td>
</tr>
<tr>
<td><u>Nge Sandla</u><br>Qaphela: The Deputy Director-General<br>The Rights Verification Unit<br>11 Landsdown Road<br>Claremont<br>Fishery (please specify which fishery)<br>Policy Comments</td>
</tr>
</table>

Injongo yale nkqubo kukubhengeza iingcamango eziyakuthi zisetyenziswe kunikezelo lwamalungelo exesha elide orhwebo ngokuloba Horse mackerel . Uninzi lwezingcamango azintshanga. Sele zikhe zasetyenziswa liSebe kunikezelo lwamalungelo kwixesha eligqithileyo.Le nkqubo iziqulathile ezi ngcamango, kodwa ibandakanya iinguqu ezimbalwa kunye nezongezelelo.

Iinkqubo ezithile zokunikezwa kwamalungelo zexesha elidlulileyo zichaziwe kwesi siyilo-nkqubo. IManyuwali yoLawulo loShishino ngokuloba Horse mackerel izakugqityezelwa kunye nabo bonke abanini-malungelo ngonyaka ka 2006. Le manyuwali izakubonisa ngokwenkcukacha ulwazi-nkqubo lolawulo nemigaqo yoshishino lokuloba.

UMphathiswa weSebe lezoBume bendalo nokhenketho uzimisele ukugunyazisa amandla eCandelo loMthetho 18 ukunikezela amalungelo oshishino lorhwebo ngokuloba iHorse mackerel njengoko kusekiwe kwicandelo79 loMthetho wezinto zoButyebi neNdalo eziphilayo zaseLwandle 18 ka 1988(IMLRA) kwigosa eliphezulu kwiSebe .

## 2. Ibhayoloji neetshukumo zobutyebi bendalo

Uhlobo lwe horse mackerel ezifumaneka eMzantsi Africa. (*Trachurus trachurus capensis*) zifumaneka kulolonke unxweme lwe ncam laseMzantsi Africa , kodwa ezininzi zifumaneka nezindala zifumaneka kwi Agulhas Bank, kufutshane ne continental shelf break. Eziselula zifumaneka kunxeme ngakumbi kunxweme lwe ncam) apho zinokulotywa ekuqaleni konyaka (abalobi be purse-seine ).

I horse mackerel horse) yaseMzantsi Africa izinga lazo lise zantsi xa zithelekiswa nomgangatho wehlabathi. Izinga lase Mzantsi Africa lisahlengahlengiswa. Ngenxa yesisizathu,i(horse mackerel fishery) Ilawulwa ngenxa yokuphakama kwezinga lomda eliwunikiweyo ("*MPCL*"). I MPCL ibambe phakathi 22 000 ne 54 000 yetoni ukusukela ngo 1990.

Kubalulekile ukuqhaphela ukuba ihorse mackerel yase Ntshona Koloni yaziwa ngokuhamba-amba kakhulu. Ubukhobazo buyaguquguquka kwaye buxhomekeke kwimeko zendalo.

## 3. Inkcazelo emfutshane ngeli candelo

I horse mackerel zifumaneka ngakumbi ngokuthi ngumnatha omkhulu oruqwa emazantsi olwandle, kodwa kuyenzeka kubanjiswe intlazi ezingalindelekanga kumnatha obambisa intlanzi i hake emazantsi. Ngaphezu koko intlanzi zehorse mackerel eziselula zilotywa ngoko nangoko ngabalobi kunxweme lentshona.Noko ubambiso lusezantsi, intlanzi eziselula zi banjwa kakhulu kwi pursue-seine ngaba lobi be west coast . Umasiqikele nje ngaphantsi , intlanzi eziselula ezibanjiswa ngabalobi bezilinani elininnzi kodwa zikumlinganiselo olawulekayo ongu 5 000 toni ngonyaka.

Abaphathi bamanzi be horse mackerel baseMzantsi Afrika bathintelwa kukungabi nalwazi olupheleleyo,ngakumbi ukngabikho kobuninzi bexesha. Elona nani lininzi libonisa ukunyuka elikhoyo nelithembekileyo lifumaneka kwidemersal trawl esebenzisa umnatha omkhulu orhuqwa emazantsi. . Kodwa, ezi zilathiso zicingela phantsi ubungakanani be resource. Ngako oko izinga nemveliso (zeresources) zaziwa kancinane kweminye imizi yemveliso ekweli Mzantsi Africa njenge hake, sardine kunye anchovy. Ingxelo nge horse mackerel

ayigqibelelanga ngenxa olona phando oluphambili lwe monitoring survey beluqonde kuba lobi abakhulileyo abanje nge hake ne sardine.

Abalobi be mackerel horse fishery baqesha malunga 50 yabantu ngexesha lasebusika. Kule 50 yabantu, bayi 16 abase Mzantsi Africa. IHorse mackerel ithuthwa ngezi khephe zithunyelwe kwamanye amazwe aziziswa e Mzantsi Africa. Ezi ntlanzi zithunyelwa Entshona Africa, bafumana malunga ne R2.50 nge ikilogram. I xabiso lentlanzi ezibanjwa ngo nyaka zimalunga ne R55 yezigidi ngonyaka.

## 4. Inkqubo yamalungelo aphakathi

Ngo 2001, amalungelo aphakathi ajongiswe kubalobi base busika zohlulelwe ikampani ezi21, ezintlanu kuzo zintsha. inkampani ezintsha bezahlulalwe itoni 500 nganye , ubuninzi be TAC bohlulelwe abalobi abadala. ulwabiyo lubhekisele kulwabiyo lwangaphambili kunye namanqaku afumanekileyo kuhlengahlengiso.

ingxelo yolwabiyo yamamalungelo aphakathi:

- 41 persenti yabathathi nxaxheba ngabaphathi abamnyama;
- 29 persenti yabathathi nxaxheba ngomanejara abamyama ;
- 37 persenti yeTAC ilawulwa ngabaphati benkampani ezimnyama;

## 5. Injongo zokugqithiswa kwamacandelo

Injongo eziqukayo zokunikezelwa kwamalungelo exesha elide okuloba kushishino lokuloba

- Ukuphucula inkcazo ngotshintsho kolushishino lokuloba;
- Dala imeko ezotsala ukutyalwa kwezimali futhi iphuhlise ukudalwa kwemisebenzi;
- Ukuxhasa ukuqhubeka ngezemali koshishini lokuloba; kunye nokugcinakala kobume boshishino;
- Khuthaza ukuza kwe horse mackerel eMzantsi Africa,zisukele apha ukuthunyelwa.

ISebe lizoqwalasela indidi ezimbini zendlela ezijoliswe kwi( horse mackerel). Oko kuqala, ezo zijoliswe kwi mackerel ezisebenzisa I mid –water trawler. Aba baphathi benqanawa banakho ukesebenzisa iminatha emikhulu ukuze bonke abalobi behake bazothathwa njenge balobi abadlulayo. Imilingaselo yabalobi abadlulayo izolandelaka kanjena .

Abo balobi banelungelo lokuloba I hake kulwandle olunzulu ngomnatha omkhulu kunye ne horse mackerel banakho ububa nelungelo yokuloba enzulwini yamanzi nasenxwemeni yamanzi. Zonke I hake ezilotywe ngeli xesha zizo tsalwa kulabiwo lwaba lobi be hake.

Abalobi kufuneka babalule zeziphi indlela abafuna ukuthabatha inxaxheba kuzo.

## 6. Ubude bexesha lamalungelo nemida yeenzame

Kunikwa ingqalelo –

- Ukuguqulwa kwembali yabalobi.
- Ubunzulu bekomkhulu labalobi.
- Ukukhuthaza kwemfuneko yokuza kwe horse mackerel eMzantsi Africa kunye nokongezwa kwemisebenzi yabalobi eMzantsi Africa.
- Imfuneko yokongezwa ukuqina kwezorwebo kunye nokhuphiswano kubalobi.
- Isiqinisekiso sokuba I horse mackerel idinga uphando oluqhubekekayo.

ISebe liyakunikezela amalungelo okurhweba exesha elingagqithanga kwiminyaka eli 10( ukusukela 01Januwari 2006 ukuya ku 31 December2015).Noxa kunjalo, wonke umnini lungelo uyavavanywa umsebenzi wakhe rhoqo ngamaxesha athile ngeenkqubo ezithile esele zibekiwe.Kuxhomekeke kuvavanyo elinziwa rhoqo ukuhlengahlengisa izithintelo, ukongeza ukujonga ukuba injongo zotshintsho luphumelele (jonga umhlathi12 ongezantsi).

## 7. Abangeneleli abatsha

Nangona ISebe lithabathele ingqalelo yokuba ababalobi basetyenzisiwe,ukungabikho emgangathweni kengugqulelo yembali, nendima yokuba I horse marckerel ilotywa ithunyelwe

kwamanye amazwe ingaqhutyelwa apha eMzantsi Africa, iSebe lizimisele ukuvulela ithuba labaceli abatsha .aba baceli batsha bazo linikwa ilungelo ukuba bathe-

- Banonelele inguqulelo yabanini nabaphathi;
- Bangazithinteli ezinye inkampani;
- Kufuneka babenendlela yoqhakamshela inqanawa futhi babenemali yokusetyenziswa kweminatha yokuloba.

## 8. Inkqubo yokulinganisa yokukhetha

Abaceli bazohlalutywa ngokwemiqathango “yezithintelo’ emveni koko baveyishwe ngokwemiqathango ‘yelinganisayo”. Kugqitywe indlela yokukhetha . umlinganiselowe TAC uzokwehlulela kumceli othe waphumelela phantsi komgaqo we “quantum criteria”.

### *8.1 Inkqubo yokulinganisa yokuvavanya*

Ngaphandle kwendlela echazwe kwiNkqubo Jikelele.ebhekisele ukumangelela abaceli kunye nezixhobo, iSebe alizuthabatha izicelo ezithe zawa phantsi kwezimfuno zilandelayo:

**(a)** **Uhlobo loMfaki sicelo:** Izicelo ezifakiweyo ziyakuqwalaselwa xa zithe zasebenzisana ne Close Corporation Act 69 ka 1984 kunye neCompanies Act 61 ka 1973. Izicelo ezivela kumntu oyedwa futhi nakwimanyano yabarhwebi azizukwamkeleka.

**(b)** **Ukuthobela***:* Abanini malungelo, kubandanywa abongameli okanye abanini zabelo abalawulayo, abakhe bagwetyelwa ityala njengoko kuchazwe kwiMLR, okanye amagatya omthetho wezolwandle alo naliphi na elinye ilizwe ne / okanye imithetho yoshishino lokuloba, abasayi kunikezelwa amalungelo okuloba Horse mackerel.

Abafaki zicelo abangabanini malungelo,kubandakanya abongameli babo okanye abanini zabelo, abakhe barhoxiselwa okanye baxuthelwa naliphi na

ilungelo lokuloba nengoko kuchachaziwe kwiMLRA nabo abasayi kunikwa malungelo okuloba iHorse mackerel.

Abanini malungelo, kubandakanya abongameli babo okanye abanini zabelo abalawulayo, abasaphandayo ngolwaphulo lwawo nawuphi na umthetho okanye ezi xhobo zomthetho okanye ezi zezolawulo, abasayi kunikwa malungelo okuloba iHorse mackerel uphando lude lugqtyiwe.

Sebe lilindele wonke umlobi ahlawule isingatha sentlawulo kulobo ajongise kubo. Kukho inani labalobi abangakaphumeli ukuhlawula okanye abazixelenga intlanzi abazibambiseleyo ukuphepha intlawulo. Owokuqala uzokohlwaywa ngokwendlela yomlinganiselo ebhalwe ngezantsi. Owesibini uyayekiswa. Nokuba, umceli lowo uyamkeleka kumalungelo , akengekhe afumane amaphepha ade ahlawule imali eseleyo(kunye nenzala) ayihlawule kwi Sebe elo.

(c) **Isixa sobungakanani bamaphepha***:* Isimiselo sobungakanani bamaphepha njengoko sichaziwe kwiNkqubo Jikelele aziyi kufakwa

(d) **Ilungelo lokusebenzisa inqanawa efanelekileyo***:* Abafaki zicelo bayakunyanzeleka babonise ilungelo okusebenzisa inqanawa efanelekileyo (***bona umhlathi we9 ngezantsi***).

### *8.2 Inkqubo ethelekiswe ngokulinganayo*

Izicelo zabalobi abadala kunye nabaceli abaqalayo, izicelo zabo zizohlelwa phantsi kohlelo lolinganiselo, baveyishwe ukuqonda ukomelela kwesicelo ngasinye:

(a) **Inguqu**

Injongo yeSebe ngethuba lale nkqubo yokunikekezelwa kwamalungelo exesha elide kolu shishino lokuloba kukugcina okanye ukuphucula la maqondo akhoyo ngoku eenguqu. Njengoko kuchaziwe kwiGeneral Fisheries Policy,abafaki zicelo bayakuvavanywa banikwe ananqaku-

- Ngepesenti yabamnyama nabafazi abamele ubunini okanye abakwiqondo lesebe labalawuli
- Ngokuba ingaba abaqeshwa bangabanin zabelo kumfaki sicelo kunye nobungakanani kwamalungelo abo okuxhamla
- Affirmative procurement;
- Ukumelwa kwabamnyama nabafazi kumaqondo angezantsi kwesebe lolawulo
- Ukuthobela uMthetho weEmployment Equity, 55 ka 1998 kwakunye nomthetho omalunga nokuphuhliswa kwezokhono
- Notyalo zimali lwamashishini ekuhlaleni.

**(b) Utyalo- zimali kushishino lokuloba**

Abafaki zicelo bayakuvavanywa koku :

- Utyalo olufanelekileyo kwizikhephe ukuze kulotywe ihorse mackerel. Malunga, nabantu abanenxaxheba kushishino elithile bazonanzwa.
- Utyalo kwinkqubo kunye nendlela Yindlela yokubalula intlanzi .i Sebe lizowonga abo baceli abazosebenzela eMzantsi Africa bazithumele kwamanye amazwe zisukela eMzantsi AfricaI.

ingqalelo ezothathwa kubaceli abatsha , iSebe lizoqwalasela utyalo olwenziwe kwizikhephe, nendlela yokupapasha. ukongeza, abaceli abatsha kufuneka babonise ukuba banalo ulwazi,ubuchule kunye nendlela yokuloba I horse marceker.lokuba.

**(c) Imisebenzi**

Isebe liya kukhetha kwa abo bafaki zicelo babonelela abasebenzi babo ngoku –

- Umsebenzi osisigxina:
- Medical aid kunye nomhlalaphantsi;

- Nazo naziphi ezinye izibonelo zomsebenzi; kunye
- Neemeko zomsebenzi ezikhuselekiyo;

ukongeza, ababanamalungelo bokuloba bazokuwongwa ngenani lemisebenzi other wayenza ngetoni lentlanzi obuzinikiwe. iSebe lizonga umahluko phakathi kwabamkela imali ephezulu nencinane.

**(d) Ulongezo lwamaxabiso**

iSebe linako ukujonga imo yabalobi ekwenzeni umsebenzi bokongeza ubuninzi behorse mackerel ukuba zisentyenziswe apha nakushishino lwangaphesheya.

**(e) Indlela oqhubangayo**

Abalobi abanelungelo abathe baloba ngaphezulu komlinganiselo okanye ngaphantsi . (more than 10 percent) bazokohlwaywa. Imeko zemali zizo jonga phantsi kwenkqubo Jikelele.

**(f) Ukuhlawulwa kwerhafu**

Abalobi abanelungelo bazokohlawa ukuba ityala labo lithe ladlula intsuku ezi 60 lingahlawulwaga.

**(g) Abalobi kufutshane**

Impembelelo yokolotywa kwehorse mackerel kwi dolphins, pelagic sharks kunye nesunfish iyaxhalabisa. Abaceli kufuneka babonise indlela zokucutha impembelelo zokuloba zasebusika kwesizukulwana zingamkeleka ngamandla.

Ihake ezibanjiswa ngexesha lokulotywa kwe horse mackerel zilindeleke ukuba phantsi kwama pesenti ababini kulotyo lwe horse mackerel.Abaceli

abalindelekiyo kuzofuneka babonise indlela abazisebenzisileyo zokudambisa nokucuthwa kokubambisa olungalunganga. okanye abaceli banakho ukusebenzisana indlela echazwe ngentla yokucutha indlela yokuloba engalunganga..

**(h) Ukuthobela**

Abaceli abathe bawa phantsi kwemithetho ye Skill Development Act,97 ka 1998 kunye ne Skill Develoment Levies Act, 9 of 1999, kunye nabo bathe bathe banengxaki ezingephi malunga ne MLRA. Abo bafumaneke benobuqhophololo bazokugxothwa.

### *8.3 Ubungakanani benkqubo;*

Ukuhlonela abalobi abanelungelo, iSebe lizosebenzisa ulwabiyo luka 2005 njenge siseko.kule kuzokongezwa umlinganiselo lolwabiwo labalobi abagxothiweyo. Iqela lemiphumelo izosekwa phantsi kobungakanani benkqubo phantsi kwe:

(a) **Izinga lenguqu:** Abaceli abaphumeleleyo bazokohlulelwa i20% ye TAC ngokwenani lwengqulo abathe balifumana.

(b) **Ukusetyenziswa kweHorse Mackerel eMzantsi Africa: I** 20% ye TAC izokwabelwa abaceli abaphumeleyo abanenjongo zokusebenzisa ihores mackerel apha futhi baphuhlise imveliso eMzantsi Africa.

(c) **ulwabiwo olungalungelelaniyo lwe MPCL ngaphakathi kwabalobi: Izongezelelo ezizothathelwa ingqalelo**. 10% ye MPCL izokwabelwa kubaceli abanenani eliphezulu kwesikali sobalo okanye ngaphantsi komlinganiselo bobungakanani lolwabiyo.

Abaceli abatsha bazokobelwa ngokulinganeyo ngomlinganiselo ongezantsi naba phumeleleyo.

### 9. Inqanawa ezifanelekileyo:

Isikhepe esifanelekileyo sokuloba ihorse mackerel sifanele sibe: –

- silungiselelwe ukusebenza ebusika
- Isikhephe esilungiselwe ukuloba enzulwini yolwandle ngomnatha:

- I SAMSA iqinisekisa: kunye;
- I lungele izikhephe ezisebenzisa indlela yokulondoza.

## 10. Ukubandakanyeka kwama Candelo amaninzi

Abanini malungelo kushishino lokuloba Horse mackerel abalelwanga ukuba abangebi nawo amalungelo kwamanye amashishini okuloba aku Cluster A no Cluster A. Abanini malungelo okuloba kolu shishino lokuloba I Horse Mackerel(ndawonye nabanini malungelo neqela lamalungu esebe lolawulo) awusayi kuvunywa ukubamba amalungelo okurhweba ngokuloba kumashishini okuloba aku ClusterC no D.

Umsebenzi wabalobi abazinikeleyo abaloba ebusika ngezikhephe abanenjongo yokuloba kwezinye indawo abazunikwa imvume ngaphandle abo balobi banelungelo lokuloba enzulwini yolwandle. ngalondlela izikhephe zinoku setyenziswa ngamalungelo amabini.

## 11. Indawo zukulobela :

Izibuko zoMzantsi Africa ezezi Saldanha, kwiDolophu yeKapa, Hout Bay, Mossel Bay ne Port Elizabeth ezinokusetyenziswa.

## 12. Imilinganiselo yokulawula

La manyathelo okuphatha axoxwa ngezantsi abonisa iqela leenjongo zeSebe zasemva kokunikelwa kwamalungelo kolu shishino lokuloba .

### *12.1 Indlela yukuvelela nokulawulwa kwamashishini*

Olushishino lokuloba luyakuphathwa ngongqamene nendlela yonakekelo lwendalo (iEAF). Indlela yonakekelo lwendalo kushishino lokuloba yinkqubo engumdibaniso equka konke eyaziyo ukuba ukuloba nentshumo zasemhlabeni ezingqamene ayizusebenzisa umthetho ovela ku EAF. I EAF kushishino lwehores mackerel lizocalulwa phantsi kolawulo. UMzantis Africa uhleli uthembekile nge date ka 2010 ukusebenzisa EAF kushishino lwentlanzi.

### *12.2 Ukumanywa kwabathathi nxaxheba*

Emveni kweminyaka elishumi lolwabiyo lwamalungelo oshishino lwentlanzi, iSebe lizojonga ukumanywa kwenani lamalungelo abalobi abanelungelo lokuloba, ngakumbi abo:

- Abalobi abanezehlulo ezifanayo kumashishini abanenxanxeba kuzo,eofisini okanye ulawulo:
- Abanamalungelo amancane bamele baqinise indlela zoshishino

### *12.3 Amanyathelo aqatha omda wokuloba*

Iminombo izijongwa phantsi kwemithetho ye (MPCL) nezi thintelo.I MPCL izojongwa qho ngonyaka ngakumbi kwizithintelo zokuloba (MPCL). I MPCL izomiswa ngonyaka ijongene (age-structured surplus production model) esebenzisa inkcazo kunye nophando oluqikelelweyo. ukongeza,IMPCL inako ukulungiselela ngenxa yokuba nenjongo yokuphungula kwiminombo, ngako oko kuphuculwe ulwazi oluvela kuphando lohlengahlengiso. indlela eyosetyenziswa ngayo ngonyaka IMPCL ixhomekeke okanye ilungiswe ngexesha elifanelekileyo, ikwaxhomekeke kulwazi olukhoyo nendlela yokuhlengahlenisa.

inxenye yeMPCL izokwabelelwa abalobi abane lungelo lokusebenzisa iminatha yokuloba phakathi nangaphezulu, inxenye izogcinelwa abalobi abaloba kwicala lehake. ukongeza, abalobi bepurse-seine abazunikwa imvume yokuloba ngaphezu kwe5000 ye toni ze horse mackerel

## 13. Ukulinganiswa kwendlela yokusebenza;

Isebe lizakuqalisa iqela lemisebenzi yokulinganisa kwamandla de liphele ixesha elisikelwe amalungelo orhwebo. Kulindeleke ukuba owokuqala umsebenzi wokulinganiswa kwamandla okwenza uyakuthi wenziwe emva kweminyaka emibini ze emva koko wenziwe I rhoro kweminyaka emithathu.

Nangona ISebe lizakuqukumba ezona nkqubo zokulinganisa abazakuthi bavvanywe ngazo abanini-zimvume, ezi nkqubo zilandelayo zinxulumene namandla okwenza zisenkusetyenziswa.

- Inguqu;
- Utyalo zimali kwiinqanawa nezixhobo ;
- Ukusetyenziswa okuqhubekayo, kunye ngakumbi ifuthe lokuloba ngemitya yokuloba emide neembiza zokulba bhayoloji nenzululwini ngendalo
- Ukuthotyelwa kwemithetho elawulayo nemiqathango (zombini ezelizwe nezamazwe)

## 14. Inkqubo yabakhi -mkhanyo

Inkqubo yangoku yeSebe yabakhi-mkhanyo iza kwandiswa ukuquka ndawonye ukujonga ukuthotyelwa. abanini malungelo bazakufuneka bathwale umakhi-mkhanyo ngolunye Abanini malungelo balindeleke ukuba ibe ngabo abathwala iindleko zenkqubo yabakhi-mkhanyo.

## 15. Imiqathango yemvume

Imiqathango yemvume yolu shishino iza kukhutshwa rhoqo ngonyaka. Imiqathango yemvume esebenzao kushishino lokuloba olusalingwayo yonyaka ka 2005 incanyathiselwe njenge Annexure A. Amaqela anomdla nachaphazelayo ayamenywa ukuba aveze ezawo izimvo kule miqathango yemvume